NATURAL JUSTICE

# Ityala lika Shell kwiNkundla yoMgaqo-siseko

***Uluntu oluselunxwemeni kunye nemibutho yoluntu ithatha umlo wezomthetho wokukhusela ulwandle ngokuchasene nenkampani ye oyile, uShell, kunye norhulumente, kwinkundla ephakamileyo yelizwe.***

NgoJuni 2024, uluntu lwaseWild Coast, i-Sustaining the Wild Coast, i-All Rise Attorneys, i-Natural Justice kunye neGreenpeace Africa bafaka izicelo kwiNkundla yoMgaqo-siseko yokubhena ngokuchasene nomyalelo weNkundla ePhakamileyo yeziBheno (i-SCA) evumela iShell ukuba yenze uvavanyo lomhlaba kwi-Wild Coast yaseMzantsi Afrika.

Kumaphepha eNkundla yoMgaqo-siseko, uluntu kunye nemibutho yezobulungisa kokusingqongileyo ithi umyalelo we-SCA ovumela uMphathiswa ukuba athathe isigqibo ngesicelo sokuvuselela iShell samva nje, "awunabulungisa kwaye awunakulingana", uchasene nomthetho kwaye kufuneka ubekwe ecaleni.

- **Disemba 2021:** Siye saya kwinkundla zamatyala siyofaka izicelo zokuthintela uShell ukuba aqale ngophando lokuvavanya umhlaba.
- **Meyi 2022:** Siye sana kwinkundla ePhakamileyo ngokubhekisele nokujongajonga elityala.
- **Septemba 2022:** Sifumene Isigwebo seNkundla ePhakamileyo sibeka ecaleni ilungelo lokuhlola. Emva koko uShell ubhenela kwiNkundla ePhakamileyo yeziBheno.
- **17 Meyi 2024:** Ityala lesibheso se-SCA.
- **03 Juni 2024:** Isigwebo se-SCA siyasikhaba isibheno sikaShell kwaye sixhasa isigwebo seNkundla ePhakamileyo ngokuxhasa uluntu lwaseWild Coast. Kodwa yavumela iShell ukuba ukuhlaziywa ukuba kuesezogqitywa ngako.
- **NgoJuni 2024:** Uluntu kunye ne-CSO zibhena kwinkundla yomgaqo-siseko.

NATURAL JUSTICE

# Ityala lika Shell kwiNkundla yoMgaqo-siseko

## Ngamafutshane, uluntu lwaseWild Coast kunye nemibutho yezobulungisa kokusingqongileyo ithi:

- Umyalelo we-SCA ovumela uMphathiswa ukuba athathe isigqibo malunga nesicelo samva nje sokuvuselela ilungelo lika Shell lokuhlola eliphikisanayo, ayisiyonto "elungile kwaye elinganayo"

- Inika uShell ithuba lokulungisa inkqubo yabo yokubonisana eyayingaphumelelanga kuqala ngokuya ilungelo lalisetyenziswa ngaphezulu kweminyaka elishumi eyadlulayo. Umthetho awukuvumeli oku.

- Umyalelo we-SCA awukhuseli amalungelo oluntu kunye namanye amaqela. Iyasilela ukukhusela ubomi babo kunye namalungelo abo enkcubeko nenkolelo zomoya.

- Iyasilela ukuyenza icace into ekufuneka yenziwe yiShell kunye noMphathiswa ukulungisa iziphene zeenkqubo zangaphambili, oko kuthetha ukuba, ngokungaphephekiyo, amatyala amaninzi aya kulandela. Ukuze kube nobulungisa nangokulinganayo, umyalelo kufuneka ubuncinane ucace;

- I-SCA ifumanise ukuba ukubekwa ecaleni ngokupheleleyo kwelungelo lokuhlola "kwakunzima kakhulu". Kodwa imibutho ithi akukho mfuneko yokuba i-SCA yenze into ezakwenza ukuba kubenzinyana kumaqela abandakanyekayo;

- Umyalelo we-SCA awuchazi ukuba yeyiphi inkqubo ekufuneka ilandelwe ngaphambi kokuba kwenziwe uphando. Ngokomthetho wangoku, imvume yokusingqongileyo iyafuneka.

***Iziphumo ezihle kwi Nkundla Zamatyala azizokubaluleka qha kumatyala asezayo, odwa, kodwa zizakubonisa nokubaluleka kothethwano nabantu bokuhlala. Izakuqinisekisa nokuqaphela inkcubekho nezithethe zoluntu ezinxulumene nolwandle kwaye iqinisekise namalungelo abantu kwindalo esingqongileyo njengoko kuqulunqiwe ku Mgaqo-siseko wethu wo Mzantsi Afrika.***